URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**E Bezuidenhout**
ICandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso-mali
WCED.NormsandStandards@westerncape.gov.za
|021 467 2191/92

Inombolo yefayili.: 18/5/5
Isalathiso: 20240703-5009

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso-mali: 0001/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli, kwiiNqununu nakoosihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente

**ISihloko: Ukwahlulwa kwezikolo ngokwamanqanaba entlupheko kazwelonke nezicelo zezibheno ngobume *(status)* beefizi**

1. **Ingcaciso ngemvelaphi yamanqanaba entlupheko ezikolo**

1.1 ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-*DBE)* limisela itheyibhile i-*National Poverty Distribution Table (NPDT)),* yeendidi zamanqanaba entlupheko kazwelonke, epapashwe kwi-*Government Gazette* kunye ne-*National Norms and Standards for School Funding (NNSSF)*. ITheyibhile i-*NPDT* ibonelela ngenkqubo ecacisa indlela abafundi abakwizikolo zikarhulumente abahlulwa ngayo ngokwamanqanaba entlupheko. La manqanaba entlupheko abonelela ngokwahlulwa ngokulinganayo kwabafundi ngokwamanqanaba entlupheko kwilizwe ngokubanzi oko kukuthi, yi-20% yabo bonke abafundi kwilizwe ngokubanzi eyenza iNqanaba leNtlupheko 1 (Quintile 1) njalo-njalo. Oku kuthetha ukuba yi-60% yabafundi beli lizwe, abaya kuhlelwa njengabafundi abahluphekileyo, amabafakwe kwizikolo ezingahlawulisi zifizi (AmaNqanaba eNtlupheko 1–3).

1.2 ISebe i-*DBE* liyisekele kwidatha yobalo-bantu kazwelonke eyi-*Statistics South Africa's National Census data* le milinganiselo yamanqanaba entlupheko *(poverty scores)* isetyenzisiweyo ukwenza iitheyibhile ezinika iinkcukacha-manani ngemeko yentlupheko yoluntu. Lo mgqaliselo uyawuthintela umlinganiselo wobungakanani onokusetyenziswa liSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*), ukwahlula izikolo ngokwamanqanaba entlupheko, ngaphandle kokuba ziyavalwa okanye ziyadityaniswa izikolo ezikumanqanaba entlupheko anqwenelekayo.

1.3 Itheyibhile i-*NPDT* ikwacwangciswe ngokwenqanaba lentlupheko ngalinye ngephondo ngalinye, yaye oko kungqinelaniswe nokuhlelwa kwezikolo ngokwamanqanaba entlupheko ephondo. Ngokwe-*NPDT*, yi-40% kuphela yabafundi eNtshona Koloni efakwa kuManqanaba 1–3 eNtlupheko.

1.4 Isebe lemfundo kwiphondo ngalinye lahlula izikolo ngokwamanqanaba entlupheko ngokwale Theyibhile iyi-NPDT. Amasebe emfundo amaphondo amele ukuzifaka izikolo kumanqanaba entlupheko ngokwepesenti eziqulethwe kwiitheyibhile zephondo ngalinye. Ezi pesenti zimisela inani lezikolo amasebe anokuzifaka kwinqanaba lentlupheko ngalinye.

1.4.1 Ngenxa yokuhlelwa kwangoku kwabafundi ngokwamanqanaba entlupheko ezikolo ngokwezikhokelo ze-*NPDT*, iipesenti ziphelile, nto leyo eyenza kube nzima ukuba kubekho utshintsho phakathi kwamanqanaba entlupheko.

1.4.2 Amasebe emfundo amaphondo anokubonelela ngobume bokungahlawulisi zifizi ngokuzithandela *(voluntary no-fee statuses*) kwizikolo ezikumaNqanaba eNtlupheko 4 no-5 ezihlawulisa iifizi ukuba kukho imali eyaneleyo efumanekayo.

2. **Indlela yokwabiwa kwamanqanaba entlupheko ezikolo**

2.1 ICandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso-Mali lifumana isaziso se-imeyili esivela kwiCandelo le-*Physical Resource Planning* esimalunga nenjongo yokuvulwa kwesikolo esitsha.

2.2 ICandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso libeka *(plot)* isikolo esitsha emephini yaye lisenze sifumaneke kwi-*WCED Schools Map* kwi-*EduInfoSearch*. I-*WCED Schools Map* ineendawo zonke ezikuzo izikolo eNtshona Koloni namanqanaba azo entlupheko nobume beefizi, kwakunye nemida yenqila *(ward)*.

2.3 ICandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso-mali lifikelela kule mephu ukuze livelise uxwebhu oluprintiweyo (*printout)* lwendawo esikuyo isikolo esitsha ngokumalunga nezikolo ezisingqongileyo neenqila. Emva koko simisela amanqaku afanelekileyo entlupheko kunye nenqanaba lentlupheko esikolweni, ngokungqinelana nemeko engqonge isikolo kwakunye negalelo elifunyenwe kwiCandelo le-*Physical Resource Planning* nakwi-ofisi yesithili.

2.4 ICandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso-mali lidlulisela kwiNtloko yeSebe inqanaba lentlupheko likazwelonke elicetywayo nemilinganiselo yamanqanaba entlupheko isikolo esifakwe kuwo, ngokuqala lidlule kubalawuli besebe elikhulu elichaphazelekayo, ukwenzela ukuvunywa kwalo. Lakuba livunyiwe inqanaba lentlupheko, iCandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso-mali lazisa inqanaba lentlupheko likazwelonke nemilinganiselo yamanqanaba entlupheko esikolo kubo bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo.

3. **Izicelo zezibheno ezichasa ukwahlulwa ngokwamanqanaba entlupheko kunye/okanye ngokobume beefizi**

3.1 Isiqendu 39(7) se-*South African Schools Act (SASA), 1996 (Act 84 of 1996)* sicacisa ukuba: *Nakuba kukho isiqendwana (1), uMphathiswa makathi ngesaziso esikwiGazethi kaRhulumente qho ngonyaka amisele amanqanaba kazwelonke ezikolo zikarhulumente okanye inxenye yamanqanaba entlupheko alolu hlobo namawasetyenziswe liLungu leSigqeba soLawulo (Member of the Executive Council) ukuqaphela izikolo ezingenako ukuhlawulisa iifizi zesikolo.*

3.2 Ngokwe-*NNSSF* efakelwe izilungiso epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No 29179 ye-31 Agasti 2006, izikolo zihlelwa ngokwamanqanaba ngokususelwa kwintlupheko yabahlali abangqonge isikolo kungekuko kwintlupheko yomfundi ngamnye.

3.3 Oku kufakwa kwezikolo kumanqanaba entlupheko kwenziwa ngokungqinelana ne-*NPDT* epapashwe kwi-*NNSSF*. **Kuphela zizikolo ezikunyaka wazo wesibini zisebenza, ezinokwenza isicelo sokunxaxha kumgqaliselo** wamanqanaba entlupheko xa ngaba isikolo sikholelwa ekubeni oko kumele ukuthathelwa ingqalelo eyodwa. ISebe i-WCED linyanzelekile ukuba lisebenzise inkqubo enobulungisa nesekuhleni xa lijongene nezi zicelo.

3.4 **Ukuthotyelwa kwesiqendu 39(7) se*SASA***

Ukwenzela ukuba kuthotyelwe imiqathango ye-*SASA* ne-*NNSSF*, kuya kusebenza le migaqo ilandelayo kwakunye neemfanelo nemisebenzi eyimbophelelo:

3.4.1 **Izikolo mazingenise** le ngcaciso ilandelayo:

(a) **Iprofayili yoluntu lokuhlala**

(i) Inkcazo emfutshane yokuma kommandla (*geographical area*) nenkcazo emfutshane neprofayili yeenkcukacha zabemi basekuhlaleni (*demographic profile of the community)*. Oku kunokubandakanya amagqabantshintshi ommandla, nokuba kungazindawo zamaphandle/eziziifama ezithelekiswa neendawo zeedolophu/iindawo zamatyotyombe/abahlali abaziindidi ngeendidi umzekelo.

(ii) Inkcazo emfutshane yeengxaki zezentlalo (*social hardships*) ezaziwayo (ukuba zikhona) olujamelene nazo uluntu ezinjengolwaphulo-mthetho, intlupheko, ubugewu, ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, ubundlobongela basekhaya njl.

(b) **Iprofayili yomfundi**

(i) Inkcazo emfutshane yeprofayili yabazali babafundi. Oku kunokubandakanya ubume bengqesho yabazali umz. abangaqeshwanga okanye abaqeshwe okwethutyana/abaqeshwa abanengeniso ephezulu/ephakathi esezantsi/abaqeshwa abangenazakhono njalo-njalo.

(ii) Inkcazo emfutshane ngeprofayili yabafundi umz. ukuthembela kwigranti yezentlalo, kwakunye nenkxaso yabazali efumanekayo kubafundi, oko kukuthi abazali abangabodwa abangatshatanga/abazali abangoomakhulu nootatomkhulu/abagcini babafundi/abazali abagcina abantwana abangengobabo, abazali abafaka amabango okuxolelwa ukuhlawula iifizi, njalo-njalo.

(iii) Inkcazo emfutshane yenkxaso enikwa isikolo umz. isikim sothutho lwabafundi, iskim sokondla abafundi, inkxaso ngokwasengqondweni, njalo-njalo.

(c) **Inkqubo yokulawula amatyala/umgaqo-nkqubo wezemali**

(i) Ubungqina beenzame zokuqokelelwa kwemali ezingamatyala zesikolo ezisetyenzisiweyo kwiminyaka engaphambili nezizathu ezibonisa ukuba kungani na ezi nzame zingaphumelelanga.

(ii) Ubungqina benkqubo yeminyaka emithathu yokuxolelwa ukuhlawula iifizi okubonelelwe abazali.

(iii) Ubungqina bendlela isikolo esayisebenzisa ngayo imali eyimbuyiselo yokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi njengendlela yokubuyisela ingeniso elahlekileyo ngenxa yokungahlawulwa kweefizi.

(iv) Amaxwebhu abonisa ukuba ngaba isikolo siye sayijongisisa kwakhona inkqubo yokuhlawulwa kweefizi zesikolo ezifunwayo, ukuqinisekisa ukuba iyangqinelana na neemeko zabahlali abenzelwa sisikolo iinkonzo ngokumalunga neemeko zezemali.

(v) Ubungqina benkxaso nezikhokelo ezifunyenwe kwi-ofisi yesithili echaphazelekayo.

(d) **Ikopi yemizuzu yeentlanganiso zebhunga lolawulo**

Ikopi yemizuzu apho kwathathwa isigqibo sokwenza isicelo sisibheno sokutshintshwa kobume besikolo bokuhlawulwa kweefizi, yabhalwa umhla yaza yasayinwa ngusihlalo webhunga lolawulo nonobhala. Imizuzu mayingabi midala kuneenyanga ezintandathu.

3.4.1.1 **Isicelo sobume bokungahlawulisi zifizi ngokuzithandela (kwizikolo ezihlawulisa iifizi ngoku)**

Ukongeza kwingcaciso efunekayo phantsi kwamacandelo (a), (b), (c) no-(d) apha ngasentla, le ngcaciso ilandelayo iyafuneka:

(i) Izizathu ezixhasayo zokuba kutheni isikolo sinqwenela ukuba sisikolo esingahlawulisi zifizi ngokuzithandela kunye nezinto eziluncedo ekulindeleke ukuba zizuzwe kolu tshintsho.

(ii) Ubungqina bobunzima bezemali obufunyenwe sisikolo ngenxa yobume besikolo bokuhlawulisa iifizi ngoku.

(iii) Inkqubo yeminyaka emithathu yengeniso yesikolo eqokelelwa ngeefizi zesikolo, ngeminikelo nangenkxaso-mali, kunye nengxelo yokuba ingeniso yasetyenziselwa ntoni na.

(iv) Inkqubo yeminyaka emithathu yenani lezithuba zebhunga lolawulo esikolweni, kubandakanywa uhlobo lwezithuba kunye nefuthe kwindlela esiqhuba ngayo isikolo ukuba izithuba ziyatshitshiswa okanye ukuba ezi zithuba ziya kuhlawulwa njani na

ukuba isikolo asiyifumani ingeniso yaso. kwiifizi zesikolo eziqokelelweyo ukuba zitshintshela ekubeni zizikolo ezingahlawulisi zifizi ngokuzithandela.

(v) Inkqubo yeminyaka emithathu yee-akhawunti zikamasipala/ii-akhawunti zeenkonzo zesikolo, kubandakanywa nengxelo ngerekhodi yentlawulo yesikolo yee-akhawunti zikamasipala/ ii-akhawunti zeenkonzo ngelo thuba lifanayo.

3.4.1.2 **Isicelo sokutshintsha kobume besikolo sibuyele kwisikolo esihlawulisa iifizi (izikolo ezingahlawulisi zifizi ngokuzithandela) (kumanqanaba entlupheko 4–5 kuphela)**

Ukongeza kwingcaciso efunekayo phantsi kwamacandelo (a), (b), kunye no-(d) apha ngasentla, le ngcaciso ilandelayo iyafuneka:

(i) Izizathu ezixhasayo zokuba kutheni na isikolo sinqwenela ukutshintsha ubume baso njengesikolo esihlawulisa iifizi kunye nezinto eziluncedo ekulindeleke ukuba zizuzwe kolo tshintsho.

(ii) Ubungqina bezinto ezingeloncedo ezenzeke kwisikolo ngenxa yobume besikolo bangoku bokuhlawulisa iifizi.

(iii) Ubungqina benkqubo yeminyaka emithathu yengeniso yaso eqokelelwa ngeminikelo kunye nemisebenzi yokunyusa iingxowa-mali, nengxelo malunga nokuba ingeniso isetyenziselwe ntoni na.

(iv) Ubungqina bothethathethwano oluqhutywe nabahlali abenzelwa iinkonzo sisikolo, bokuba ukutshintsha kobume besikolo sibe sisikolo esihlawulisa iifizi kungahle kwamkeleke yaye kunikwe inkxaso ngabahlali yaye oko akuyi kubakhuphela ngaphandle nabaphi na abafundi;

(v) Inkqubo yeminyaka emithathu yee-akhawunti zikamasipala/ ii-akhawunti zeenkonzo zesikolo, kubandakanywa nengxelo ngerekhodi yentlawulo yesikolo yee-akhawunti zikamasipala/ ii-akhawunti zeenkonzo ngelo thuba lifanayo.

(vi) Iifizi zesikolo zonyaka ezilindelekileyo.

3.4.2 **Ii-ofisi zezithili mazingenise** oku kulandelayo kwaNdlunkulu:

(a) Ileta yengcebiso eneenkcukacha ezininzi exhasa isicelo sesibheno, esayinwe yaza yabhalwa umhla ngumphathi wesekethe ochaphazelekayo nomlawuli wesithili.

(b) IiNgxelo-mali eziPhicothiweyo *(Annual Financial Statements (AFS))* zakutshanje, umz. ukwenzela isicelo sesibheno sango-2024, iingxelo-mali eziphicothiweyo (AFS) zesikolo zango-2023 mazisetyenziswe.

(c) Ibhajethi ngokunxulumene neeNkcazo zeMali zoNyaka zamva nje ezingeniswayo, njengaku-3.4.2(b) apha ngasentla.

(d) Inkcazo ngobume bezemali eyenziweyo neqwalasela iiNgxelo-mali zoNyaka *(AFS)* zesikolo esichaphazelekayo nebhajethi

(e) Ubungqina bayo nayiphi na imiba yangoku okanye yexesha elidlulileyo yolawulo gwenxa lwemali ephantsi kophando njengangoku esikolweni.

3.4.2.1 **Isicelo sobume bokungahlawulisi zifizi ngokuzithandela (kwizikolo ezihlawulisa iifizi)**

Ukongeza kwingcaciso efunekayo phantsi kwamacandelo (a) ukuya ku-(e) ngasentla, le ngcaciso ilandelayo iyafuneka:

(i) Ingxelo ngamaphulo ongenelelo ngoncedo olawulo lwezemali isithili esiwaqalisileyo esikolweni kunyaka wokufunda odlulileyo, o.k.t. uqeqesho kulawulo lwezemali, iinkqubo zebhajethi ezithembekileyo nokujongisiswa kwakhona kwezinto eziyinkcitho.

(ii) Ingxelo ngamaphulo ongenelelo ngoncedo okuqokelelwa kwamatyala aqaliswe sisithili esikolweni kwithuba leminyaka ukuphucula amaqondo okuqokelewa kwamatyala, kuqukwa namaphulo ayimpumelelo kwakunye nokuba, kungani na angabanga yimpumelelo.

(iii) Ingxelo/uxwebhu oluchaza yonke imali kunye nezinye iziphumo zokuba sisikolo esingahlawulisi zifizi. Oku kufuneka kubandakanye izigqibo malunga nezithuba ezikhoyo zebhunga lolawulo, ukuba kunokwenzeka, kwakunye nefuthe loku kwimisebenzi yemihla ngemihla eyenziwayo esikolweni.

3.4.2.2 **Isicelo sokutshintsha kobume besikolo sibuyele kwisikolo esihlawulisa iifizi (izikolo ezingahlawulisi zifizi ngokuzithandela) (amanqanaba entlupheko 4–5 kuphela)**

Ukongeza kwingcaciso efunekayo phantsi kwamacandelo (a) ukuya ku-(e) ngasentla, le ngcaciso ilandelayo iyafuneka:

(i) Ingxelo ngamaphulo ongenelelo ngoncedo olawulo lwezemali aqaliswe sisithili esikolweni kwithuba elithile, o.k.t. uqeqesho kulawulo lwezemali, iinkqubo zebhajethi ezithembekileyo nokujongisiswa kwakhona kwezinto eziyinkcitho.

(ii) Ingxelo/uxwebhu olunika iinkcukacha ngazo zonke iziphumo zokutshintshwa kwesikolo sibuyele kubume besikolo esihlawulisa iifizi. Oku kufuneka kubandakanye izigqibo malunga nezithuba ezikhoyo zebhunga lolawulo lesikolo, ukuba kunokwenzeka, kwakunye nefuthe loku kwimisebenzi eyenziwayo yemihla ngemihla yesikolo.

3.4.3 USekela Mlawuli weeNkonzo zeZiko kwi-ofisi yesithili echaphazelekayo makajongisise kwakhona isicelo sesibheno ngasinye ukuqwalasela imiba yokugqibelela kwaso, eyoqoqosho, ukufaneleka nokubanako ukwenzeka koku ngokumalunga nazo zonke izikolo ezikwisithili semfundo ngokumalunga nemingeni yezemali, utshintsho kwimeko yezemali yesikolo ngenxa yemo yezoqoqosho enokubakho, ulawulo gwenxa lwemali, utshintsho kwimo yezentlalo esingqongileyo isikolo, njalo-njalo. ngokusebenzisa ingcaciso enikwe sisikolo nanjengokuba icacisiwe kule ngcaciso imfutshane ukwenzela ukunika ingcebiso okanye ukusikhaba isicelo sesibheno ngezizathu ezifanelekileyo.

## 3.5 Ukungeniswa kwezicelo zezibheno

3.5.1 Izicelo zezibheno zingangeniswa **KUPHELA ukususela ngoJulayi ukuya ekupheleni kukaSeptemba kunyaka ngamnye,** emva kokufumaneka kweeNgxelo-mali zoNyaka zamva nje eziphicothiweyo zesikolo njengaku-3.4.2(b) apha ngasentla.

3.5.2 **Izikolo** mazingenise izicelo zezibheno ezisayinwe yinqununu nosihlalo webhunga lolawulo ezihamba namaxwebhu akhankanywe apha ngasentla kuMlawuli weSithili kwi-ofisi yesithili.

3.5.3 **Izikolo** zimele ukulandela i-ofisi yesithili echaphazelekayo ukungqinisisa ukuzaliswa kwezicelo zezibheno zazo ngokupheleleyo.

3.5.4 **Ii-ofisi zezithili** mazingenise izicelo zezibheno ezijongisisiweyo neengcebiso namaxwebhu ahamba kunye nazo ngolu hlobo lulandelayo:
Nge-imeyili apha:

WCED.NormsandStandards@westerncape.gov.za
(nakulo Elton.Bezuidenhout@westerncape.gov.za)

Okanye ziziswe ngesandla apha:
*Western Cape Education Department*
*7th Floor, 1 North Wharf Square*
*2 Lower Loop Street*
*Foreshore*
*Cape Town*
*8001*

Okanye zithunyelwe ngeposi apha:
*Head: Education*
*For attention: Directorate: Management Accounting*
*Western Cape Education Department*
*Private Bag X9114*
*Cape Town*
*8000*

3.5.5 Izicelo zezibheno mazizaliswe ngokupheleleyo. Izicelo zezibheno ezingazaliswanga ngokupheleleyo ukususela ngowe-30 Septemba ziya kurhoxiswa zize zibuyiselwe kwi-ofisi yesithili.

3.5.6 Izicelo zezibheno mazingeniswe kwaNdlunkulu ngokuqala zithunyelwe kwiCandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso-mali, ukususela ngoJulayi ukuya kowe-30 Septemba qho ngonyaka ukwenzela ukuba ziqwalaselwe yaye zivunywe nguMphathiswa wePhondo. Oku kuya kuqinisekisa ukufumaneka kweeNgxelo-mali eziPhicothiweyo *(AFS)* eziza kusetyenziswa yaye kuvunyelwe ixesha elaneleyo lokwaziswa kweziphumo phambi komhla wokuqala kunyaka-mali omtsha, ngowe-01 Apreli.

3.5.7 **Izicelo zezibheno ezifike emva kwexesha aziyi kuqwalaselwa** yaye izicelo ezitsha mazingeniswe ngethuba lomjikelo omtsha njengoko ubungqina bunokuba butshintshile yaye kuya kusebenza iiNgxelo-mali eziphicothiweyo ezichaphazelekayo ngelo xesha.

3.6 Sakuba siqwalaselwe isicelo sesibheno, ingxelo ngokuqhubekayo ebhaliweyo iya kwaziswa isikolo zingaphelanga iinyanga ezine, ngokuqala kudlulwe kwi-ofisi yesithili echaphazelekayo, ngokumalunga nesigqibo esithathwe nguMphathiswa wePhondo nokuba ngaba isicelo eso sithathwe njengesona silungiselela isikolo eso ngeyona ndlela ibhetele.

3.7 Izicelo zezibheno ezibe yimpumelelo ziya kuba zezonyaka-mali olandelayo, o.k.t ukususela ngowe-01 Apreli.

4. Kucelwa nazise ngokuqulethwe kule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-L ELY
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO**
**UMHLA:** 2024-07-11